VAKALISA ULUVO LAKHO!


# UKUVALWA KWEKLIPFOTEIN SERVICE ROAD PHAKATHI KWETHORNTON ROAD NE-EAGLE ROAD, KWAKHONA NOKUVALWA KWE-EAST STREET PHAKATHI KWEKLIPFOTEIN SERVICE ROAD NE-SOUTH AVENUE, E-ATHLONE

ICandelo loZinzo lwezoThutho eziDolophini leSixeko saseKapa liphakamisa ukuvalwa ngokusisigxina iKlipfotein Service Road phakathi kweThornton Road ne-Eagle Road, nokuvalwa ngokusisigxina kwe-East Street phakathi kweKlipfontein Service Road neSouth Avenue, eAthlone kulungiselelwa ukuphucula ezokhuseleko ezindleleni nokuhamba kwezithuthi kulo mmandla.

Kuye kwaqatshelwa ukuba izithuthi zithe gqolo ukungena ngeKlipfontein Service Road ekudibaneni kweThornton Road, Klipfontein Service Road, kunye neNorth Link Road. Oku kukhokelela ekubeni izithuthi zimise kummandla obhalwe “Keep Clear”, zivale indawo ezingenayo, kwakhona zithintele ukungena kwiKlipfontein Road, nto leyo ekhokelela kuphazamiseko lokuhamba kwezithuthi.

Oku kuvalwa ngokusisigxina kuza kwenza izithuthi zingakwazi ukusebenziza le mimandla yokuhlala njengendlela yokunqumla kwiindlela ezinkulu kwakhona kuzakuthi kunciphise ingxinano ekudibaneni kweKlipfontein Service Road, iThornton Road kunye neNorth Link Road. Ukongeza, ukuvalwa ngokusisigxina kwe-East Street kuza kwenza izithuthi zingakwazi ukunqumla kumgaqo omkhulu odlula eSouth Avenue.

Nangona ukuvalwa kwezi ndlela kuxhaswa luhlalutyo kunye nokuqwalaselwa ezothutho endleleni, inkqubo yentathonxaxheba yoluntu iya kuba yimfuneko ukuxhasa oku kuvalwa.




Isiphakamiso sokuvalwa kwendlela iKlipfontein Service Road phakathi kweThornton Road, Eagle Road; ne-East Street phakathi kweKlipfotein Service Road neSouth Avenue eAthlone.

Uluntu kunye namaqela anomdla lunikwa ithuba lokungenisa izimvo, izindululo okanye iingcebiso kumasipala ngokumalunga nesi siphakamiso ukususela ngowe3 kweyeKhala (Julayi) ukuya kowe3 kweyeThupha (Agasti) 2026.

Ukongeza, ngoLwesithathu umhla wama22 kweyeKhala (Julayi) 2026, kuya kubanjwa usuku lwengcaciso kuluntu ukususela ngeye15:00 ukuya kweye19:00 eGleemor Baptist Church Hall, kwa38 St Simon’s Road, Sunnyside, eAthlone.

**Izimvo, izindululo okanye iingcebiso zingangeniswa ngolu hlobo lulandelayo:**
**Ngeintanethi:** Skena iQR khowudi ukuze ungenise izimvo zakho ngedijithali okanye ungene ku www.capetown.gov.za/haveyoursay
**I-imeyile:** UrbanMobility.CT@capetown.gov.za (bhala iriferensi: 110252622)
**Izimvo ezibhaliweyo:**

- kwiBhungana 11, kwiZiko loLuntu iDulcie September kwikona yeProtea neKlipfontein Road, Kewtown, eAthlone, 7764
- kwiThala leeNcwadi loLuntu laseAthlone kwiKona yeOld Klipfontein Rd neDobson Rd, eAthlone, 7764

Iyunithi yeSixeko saseKapa ejongene neNtathonxaxheba yoLuntu iza kuncedisa abantu abangakwaziyo ukufunda nokubhala, abantu abakhubazekileyo nabantu abavela kumaqela angathathintweni abangakwaziyo ukungenisa izimvo ezibhaliweyo. Qhagamshelana noZandile Mahlasela ku 021 400 5501 okanye Zandile.Mahlasela@capetown.gov.za.

**Ngengcaciso emalunga nobuchwepheshe obuphathelene neprojekthi, qhagamshelana noTim de Villiers ku021 444 3075 okanye Timothy.DeVilliers@capetown.gov.za.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA131/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.